



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2013

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali 11.

IMIYALELO KUBAVAVANYWA

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amaTHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo ngaLINYE nasemva kwempendulo ngaNYE.
4. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo.
5. Landela imiyalelo ngocoselelo.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

1. Amadoda amabini uZenzile noMayenzeke babengaphangeli. Babemana befumana imisetyenzana yemini belima bacoce izitiya zabantu kwimizi ngemizi. Babebhatalwa imali encinci ngaloo misebenzi kwaye wawungasoloko ukho. Le meko yayisenza basokole kakhulu kuba babenamakhosikazi angaphangeliyo nawo kunye nabantwana abafundayo.
2. Babesoloko bezula befuna eminye imisebenzi. Ngaxa limbi uZenzile yena wade wazama nokufumana inkam-nkam nangona wayekude lee kwiminyaka yokuba amkele le mali, kwaye nempilo yakhe yayingenasiphene. Into awayeyenza kukutshaya kakhulu. Lo mkhuba wawumenza akhohlele kakhulu.
3. Ugqirha wayesoloko emcebisa ukuba ayeke ukutshaya. Zange ayeke kuba wayebona ikroba lokufumana imali karhulumente kuba engaphilanga. Eli qhinga zange lide limncede uZenzile, kuba ugqirha zange ade ambhalele incwadi ethi impilo yakhe imbi kangangokuba kufuneka amkele imali yenkam-nkam.
4. Emva kwezi nzame uZenzile noMayenzeke bawelwa yintlaka emlonyeni ngokutsho kwabo. USomashishini othile uTshezi kwisithili sabo wabaqesha esithi ufuna bamqhubele iimoto zakhe zokuthutha impahla zeshishini. Whowu! Imincili eyayilapho!
Kwakuxhelelw'eXhukwane kula madoda mabini. Wavakala uMayenzeke esithi, wagwetywa ndlala! Unabantu bakho Thixo ngamaxesha onke. **Loo mini balala kuchulumance nosebeleni** kuba utat'ekhaya eza kuqala umsebenzi osisigxina ngengomso. Nabantwana baqonda ukuba baza kuqhubekeka nemfundo kuba babesele benexhala lokuyeka esikolweni. Eneneni amadoda avukela kwaTshezi. Afika anikwa izitshixo zomgruga wemoto awayeza kuhamba ngayo iveni ephakamileyo. Bajongana bencumile beqonda ukuba baza kuba kumanqwanqwa aphezulu. Baxelelwa umsebenzi wabo aqala amazinyo aziinyanda. Babeza kuya eMampondweni eLusikisiki baye kulanda intsangu ababeza kuwela nayo iNciba baye nayo kwelaseNtshona Koloni eKapa. Bakhe barhalela ukurhoxa kodwa kuba belamba berhalela nale mali xa liphumelele eli linge bavuma.
5. Bawuqhuba lo msebenzi basinda cebetshu ekubanjweni nasekudutyulweni amaxesha amaninzi. Babesinda nakwiingozi zemoto ngamanye amaxesha. Watyeba uTshezi wavula amanye amashishini wathenga zonke iindidi zeemoto. Ngaminazana ithile bathi xa bebuya nomthwalo emaMpondweni kanti amapolisa avalile endleleni. Baqala baphelelwa ziinyani.

6. UZenzile owayeqhuba ngaloo mzuzu wagqiba ekubeni angemisi xa emiswa ngamapolisa. Wadlula ngesantya esingumangaliso. Laphepha ipolisa elalimisa liphantse ukutshayiswa. Amabini amapolisa athatha enye imoto aleqa. Endleleni kwakufuneka ezinye izithuthi ziphume ecaleni. Kwathi xa zikwindlela enamagophe basuka ooZenzile baphepha, bajika imoto phambi kwamapolisa. Amapolisa zange akwazi ukuyilawula eyawo imoto yaya kutshona ezingxondorheni babe bona beqhawula. Yaya kufunyanwa ezantsi loo nqwelo sele eswelekile amapolisa, besindile ooguluva.
7. Nakubeni basinda ooZenzile kule ngozi esi yaba sisifundo kubo esenza ukuba bahlukane nalo msebenzi. Xa belibalisa eli bali sele kukudala bathi boyiswa kukukhupha imiphefumlo engenatyala besebenzela omnye umntu obanika imali encinci. Bathi baxolele ukusokola kunokuba iinyembezi negazi labantu libuzwe kubo ngenxa yemali.
8. Emva koko bazazi ukuba banezandla abaziphiwa nguYehova abanokusebenza ngazo bazenzele imali. Kungoku nje baphila ngokwakha imizi yabantu, ukupeyinta nokubiya. Abanaxhala lokubanjwa, abanaxhala lokubulala bantu, besindisa eyabo imiphefumlo.

[Uvimba Isigaba 10 Iphepha 112–113 Yaze Yahlelwa]

IMIBUZO:

Jonga kumhlathi 1.

- 1.1.1 Ayephila yintoni la madoda mabini kuthethwa ngawo kwesi sicatshulwa? (1)
- 1.1.2 Leliphi igama elisetyenziswayo ngabantu xa bebhekisa kumsebenzi ongasoloko ukho? Phendula ngegama eliNYE. (1)
- 1.1.3 Yintoni eyayibangela ukuba la madoda asokole? (1)

Jonga kumhlathi 2 no 3.

- 1.1.4 UZenzile wayefikelele kwinqanaba lokwamkela inkam-nkam: Ewe okanye hayi? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 4.

- 1.1.5 Chonga ibinzana kulo mhlathi elithetha ithamsanqa. (1)
- 1.1.6 Ngawaphi amazwi athethwe nguMayenzeke abubungqina bokuba ukholelwa kuThixo: (2)
- 1.1.7 Yintoni eyayibangela ukuba abantwana baxhalabe yimeko yokungaphangeli kootata babo? (1)
- 1.1.8 La madoda anikwa umgrugra wemoto: Loo nto ithetha ukuba anikwa imoto enjani? (1)

1.1.9 Alubonisa njani uvakalelo lwawo la madoda akufumana le moto? (1)

1.1.10 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 6.

1.1.11 Basindiswa yintoni ooguluva kwingozi eyayichaphazela amapolisa? (2)

Jonga kumhlathi 7 no 8.

1.1.12 La madoda oyiswa kukuphangela kwaTshezi: Nika isizathu sokuba oyiswe? (2)

Ungajongi kumhlathi:

1.1.13 Abanye abantu intsangu bayisebenzisa njengeyeza:

A lesifuba

B lomkhuhlane

(1)

1.1.14 Ingaba umbhali ulufundisa ntoni uluntu olungaphangeliyo kwesi sicutshulwa singentla? (2)

1.1.15 Gqibezela le ntetho: Intsangu yaziwa ngokuba luhlobo lwesi ... (1)

1.1.16 Irhafu yabemi baseMzantsi Afrika inyuka mihla le ngenxa yabantu abafana noZenzile ababeka impilo yabo esichengeni kuba benenjongo zokufumana inkxaso kurhulumente:
Phuhlisa olu luvo ngokuthi unyathele kwezi ngongoma zilandelayo:

A Ukukhulelwa kwamantombazana aselula.


B Ukwanda kwesifo uGawulayo.

(2)

(2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jongisisa lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo.



[Andingombala Ndingumntu iphepha 36]

- 1.2.1 Ingaba inkangeleko yabafundi abakulo mfanekiso ibonisa ntoni ngesikolo sabo? (2)
- 1.2.2 Umfanekiso ongentla ubonisa ukuba uMzantsi Afrika awusenalucalucalulo ngokobuhlanga: Ngqina okanye uchase olu luvo ngokubhekisele koko kusemfanekisweni. (2)
- 1.2.3 Izikolo ezineendidi zonke zeentlanga njengoko kubonisiwe emfanekisweni kwakusithiwa zi ... Gqibezela (1)
- 1.2.4 Chaza indlela anokuba uziva ngayo lo mfundi unxibe impahla ezimnyama kulo mfanekiso ungentla. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

- Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungadluli kumagama angama 50-60.
- Bhala inani lamagama ekupheleni kwesishwankathelo.
- Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- lingongoma ezisixhenxe. (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo (3)

IKHAYA NOSAPHO

Ikhaya yinto ebalulekileyo kakhulu kuso nasiphi na isidalwa, ingakumbi esingumntu, esongamele zonke izidalwa ezisehlabathini. Kulapho ukhuseleko, lufumaneka khona. Kulapho intlonipho iqulungwa khona. Kulapho isimo, ingqeqesho nokuxatyiswa kuyilwa khona. Kulapho ubushushu, ulonwabo nekamva zibonakala khona. Kulapho ulwabiwo misebenzi luqaliswa khona.

Wakungabinalo kuphandle kuwe kuba lona lisisilili sokubhenca izakhono, iziphiwo neengcinga eziphilileyo nezakhayo kusapho nakwintlalo ngokubanzi. Lithi ke lakuba nosapho lixabiseke ngakumbi nangakumbi. Imisebenzi yekhaya, yolu sapho luchubekileyo itsala amehlo ababukeli ngenxa yobuhle bekhaya nabahlali balo nesizwe jikelele. Imvisiswano, intobeko nothando zezona ntsika zisisiseko esihle elusatsheni. Kufuneka abazali baqamele ngazo ekoluleni intlalo yekhaya ibe yentle. Uthi akuthobeka umzali komnye, baqale abantwana ukukha besitya iziqhamo zoxolo, uthando, ubunye nentsebenziswano. Kuthi kwakuba njalo usapho lukhule lubumbene, sitsho sithi umzi wendoda uzinzile. Olu sapho aluye lufumane bunzima kuba kumahla- ndinyuka obomi luyathwalisana.

Abantu beli khaya ababulaleki kuba yonke into baphathisene ngayo. Akukho bantu bagxeka abanye okanye ugxeka omnye zakuphithana izinto. Kwakubakho iimpazamo kuyalungiswana itsho intlalo ibe yeyesiqhelo. Zonke ezi zinto zingumthombo wempilo entle kolu sapho. Umntu ofuna ukufikelela enkalweni uqale afunde ukuzeyisa, ngokuthi azikhwebule kwizinto ezimanyumnyezi ezingasi mntu ndawo. Masizame ukuphuthuma zonke izixhobo ukuze sihluze zonke ezo ziza kukwazi ukubuyisela ubuntu bethu, inkcubeko yethu, isidima sekhaya nosapho, ubuqhawe nobuqhaji ekuxhaleleni ingomso. Masazi ukuba phezulu phaya singa singafikelela sonke kuba amathontsi emvula aqala khona. Okulindeleke kulowo unekhaya elinyulu kukuba olule isandla abambelele kongentla kwakhe abe esinye ephosa ngaso intambo ukunyusa abangezantsi kuloo mgangatho wekhaya elililo. Uninzi lwabantu luphiwe amandla okukhanyisa bakuqabela kwiinkalo zobomi, kodwa lusuka lusucime isibane ngezimbo nezenzo zalo. Masingabi njalo ke thina. Ukuthanda into entle komnye kulungile.

[Igrama Noncwadi Lwesixhosa Isigaba 10 Iphepha1-3]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Qwalasela le ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Qala ukuzakhela ubomi obungcono
namhlanje nge-Nedbank Ke Yona.**

Vula i-akhawunti yebhanki ye-PAY-AS-YOU-USE



**NGE R5 NJE
KUPHELA NGENYANGA
UFUMANA
I-INSHORENSI
YOMNGCWABO
EXABISA
i-R2 000**

I-akhawunti yasebhankin i-keYona PAY-AS-YOU-USE yenza ukuba lula kuwe ukubakrelekrele ngemali yakho. Nge R5 nje ngenyanga ufumana i-inshorensi yomngcwabo exabisa i-R2000. Okufunekayo nje kuwe xa ufuna isicelo yincwadi yakho yesazisi ene-barcode. Abafuni nokwazi ukuba wamkela malini ubuncinane, nkqu nobungqina bendawo yokuhlala kulula nje.


[Bona Xhosa November 2013 Iphepha 109]

- 3.1 Igama u “yomngcwabo” sisichazi: Nika udidi lwesichazi eso. (1)
- 3.2 Chonga isifanekisozwi kulo mfanekiso ungentla. (1)
- 3.3 Yintoni abalasele naziwa ngayo uZahara lilizwe loMzantsi Afrika? (2)
- 3.4 Kwesi sivakalisi silandelayo chonga isihlomelo uxele nodidi lwaso. Qala ukuzakhela ubomi obungcono namhlanje. (2)

- 3.5 Kutheni eli xabiso lale inshorensi libhalwe ngamagama amakhulu nje? (1)
- 3.6 Bhala ixabiso lemali ye-inshorensi yomngcwabo ngamagama. (1)
- 3.7 Isimamva segama u“**akhela**” lisisimamva sesenzi esixandileyo: Ingaba loluphi udidi lwesixando sesenzi? (1)
- 3.8 Nika isihlonipho segama ‘umngcwabo’. (1)
- [10]

UMBUZO 4

Jongisisa le Khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithathwe Kwi-Intanethi Yaze Yahlelwa]

- 4.1 Qala esi sivakalisi ngolu hlobo: Umgangatho ... UBlade Nzimande uphucula umgangatho wemfundo. (1)
- 4.2 Igama “itoyi toyi” ligama elithetha: (ukuxhentsa/ukududa/ ukuqhankqalaza) Khetha libe liNye elichanekileyo kula akwizibiyeli. (1)
- 4.3 Kwintetho ekwibhokisi yokuqala kukho isibanjalo: Sikhuphe unike nodidi lwaso. (1)
- 4.4 Isikhuzo esikwintetho yokuqala sinika yiphi intsingiselo? (1)
- 4.5 Igama “unqevu” libhekiswa kumntu onjani? Nika igama eliNye. (1)

- 4.6 Kwintetho ekwibhokisi yesibini, isibizo esikrwelelwe umgca asinaceba; Ingaba yintoni isizathu soko? (1)
- 4.7 Nciphisa igama elibhalwe ngqindilili kwintetho yesibini. (1)
- 4.8 Amachokoza asekupheleni kweengcinga yesithathu athetha ntoni? (1)
- 4.9 Khetha isilabalabi kwesi sivakalisi silandelayo:
UAngie uye wayilungisa imeko yaseMpumalanga yeencwadi. (1)
- 4.10 Ucinga ukuba inokuba sicinga ntoni isithethi kwingcinga ekunombolo 3 xa sijonge isenzo esenziwa ngabantu abakwibhokisi 1? (1)

[10
]

UMBUZO 5


5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

IsiXhosa siyalila ngenxa yokukrazuka kubini kwentliziyo yabo ngabantu. Kudala sinyamezele ... ngoku siyanikezela soyisakele. Kufike amavezandlebe aphula amandla aso, ngoku sizibika kubantu ukuba sihlangukwe. Kaloku amaXhosa athi usana olungakhaliyo lufela embelekweni. **Irediyo, ifriji** nokuhlukumeza ngamagama abulala amandla aso ayityhefu kolu lwimi lwesintu lumnandi kangaka. Abafundi kufanele balufunde olu lwimi neetitshala kufanele zibaqeqeshe ngokuthi zibaxebele ukuba mabafunde iincwadi ezilula ezinamabalana amnandi, bamamele nerediyo rhoqo ukuze ulwimi lwabo lusulungeke. Abafundi babalumkiswe ngokubaluleka kokwazi nokuthetha ulwimi lwabo kuba lonto iya kubenza bahloniphwe zezinye iintlanga nolwimi lwabo lungaphelelwa. Malungatyeshelwa ulwimi lwemveli ngabantu bakuthi.

- 5.1.1 Kulo mhlathana kukho izafobe.
Khupha nasiphi na esiNye kwezi uzinikiweyo unike nodidi lwaso. (2)
- 5.1.2 Vala isikhewu ngesihlanganisi esifanelekileyo kulo mhlathi ungentla. (1)
- 5.1.3 Zingela iziphene zibe ziTHATHU kulo mhlathana ungentla uzilungise. (3)
- 5.1.4 Amagama abhalwe ngqindilili kulo mhlathana ungentla
awamkelekanga esiXhoseni. Walungise unike afanelekileyo. (2)
- 5.1.5 Igama 'ukuhlukunyezwa' livela koluphi ulwimi? (1)
- 5.1.6 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwezi zingezantsi: Isithetha ntonye segama 'sihlangukwe', ngu: (1)
- (a) sithundezwe
(b) sincedwe
(c) sisindiswe

- 5.1.7 Igama 'ivezandlebe' sisibizo esimbaxa. Sakhiwe ngawaphi amagama? (2)
- 5.1.8 Iqhalo okanye isaci esikrwelelwe umgca kulo mhlathana ungentla sibhekisa kumntu olambileyo. Chasa le mpendulo ngokuthi unike eyona ntsingiselo ichanekileyo. (1)
- 5.1.9 Fakela isimelabizo esifanelekileyo endaweni yegama elikrwelelwe umgca apha kwesi sivakalisi singezantsi unike nodidi lwaso **IsiXhosa** siyalila ngenxa yokungahlonitshwa. (1)

5.2 Jongisisa lo mfanekiso ulandelayo wandule ukuphendula imibuzo:



[Ithathwe Kwi-Intanethi Yaze Yahlelwa]

- 5.2.1 Nika umsebenzi wesimamva esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:
Umoyakazi oza nale nqwelo-moya uyabhudla. (1)
- 5.2.2 Tshintsha isivakalisi esilandelayo sibe kwingxelo ntetho:
“Lo moya uphaphathekisa amaphepha wam”, utshilo umfana. (2)
- 5.2.3 Ibala elihamba inqwelo moya likhulu: Nika enye intsingiselo eyahlukileyo kule uyinikiweyo yegama “ibala”. (1)
- 5.2.4 Chonga isikhankanyi kwesi sivakalisi silandelayo:
Ukuphaphatheka kwamaphepha kuhle. (1)
- 5.2.5 Tshintsha esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi:
Ibala lenqwelo-moya likwindawo enentaba. (1)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80